

INTOMBI

EYAYINGENALIZWI



libhalwe nguBuhle Ngaba

libhalwe nguBuhle Ngaba

INTOMBI EYAYINGENALIZWI

INTOMBI
EYAYINGENALIZWI

Kwabo banokukhanya kwenyanga ezikhumberni zabo.

ISBN 978-0-620-70329-1

Amalungelo obunikazi © 2016 Buhle Ngaba

Onke amalungelo akhuselwe.

Eli libali elibuntsomirha neliqanjiweyo. Bonke abalinganisa neziganeko ezikweli bali zizophumo zentekelolo neengcinga zombhali. Akuvumelekanga ukulithengisa ngaphandle kwemvume ebhaliweyo emayifumaneko kwangenx'engaphambili. Akukho nxalenye okanye sicatshulwa seli bali sinokuphinda sipapashwe ngaphandle kwemvume yombhali ngaphandle nje kwezicatshulwa ezifutshane eziisetenziswa kwizigxeko-nomo.

Imifanekiso© 2016 Thozama Mputa

Iifoto © 2016 Neo Baepi

Intshayelolo

Intombi Eyayingenализви iveliswe ngenjongo yokuphikisa nokuphendula iintsomi esasizibaliswa sisengamantombazanana. Amabali athetha ngeenkosazana ezimhlophe ezinamehlo aluhlaza, ezineenwele eziyephuyephu ezikhula zibe nde nezibuxabise kakhulu ubuhle bazo. Kodwa ngaphezu koko ibhalwe ngenjongo yokuziphilisa mna ngokwam. Ibhekise kwimvakalelo engaphakathi kwam enditsho ndihlasimle ngalo lonke ixesha amabhinqa amnyama ejongelwa phantsi, esonyeliswa; apho kuxatyiswe ibala elimhlophe nalapho kulawula ubungangamsha bobudoda nobuhlanga.

Njengenyathelo lokuvuselela amandla nentshukumo kumantombazana amnyama oMzantsi Afrika, ndibhale ibali lentombazana emnyama engenalizwi livakalayo nekhangelia isandi selizwi layo. Ndasoloko ndiyicacisa indlela endifuna ukuba lifumanekile lula ngayo eli bali, kuba ndifuna libe yinkuthazo kumantombazana namakhwenkwe amnyama endilibhalele wona ukuze nezawo iimbono zivakale. Bawamkele nabo amazwi awabo kwaye bawasebenzisele ukutshintsha ubomi babo neemeko abaphila kuzo.

Kwiqela labantu elincomekayo ebendincedisana nabo, ngaphandle kwenu le ncwadi ngeyingakhange ibekho. Ndiziva ndimncinane ngenxa yokuba nindiphe ixesha lenu nobuchule neentliziyo zenu. Kusapho lwam nezihlobo ndiyabulela ngenkxaso yenu engagungqiqyo. Ekugqibeleni, ndibulela ngokukodwa, kwinenekazi elithe laphembelela lo msebenzi lavula indlela.

- *Buhle Ngaba*

INTOMBI EYAYINGENALIZWI

Ibhalwe yacetywa nguBuhle Ngaba

Iguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi yaze yaveliswa
liPhulo likaNal'ibali Lokufundela Ukuzonwabiswa

abadlali nguNoxolo Mafu noMika Molosevic

ihlelwe nguPumeza Ngobozana | umfoti nguNeo Baepi | imifanekiso nguThozama Mputa
iyilwe nguLisa Robertson & nguRyan Haynes



Mandulo phaya, kwakukho intombazana eyajineenwele ezingathi buboya,
inomlomo omile ngathi yintyatyambo yesihlahla somboza, namehlo antsundu
njengamachibi amanzi.

Yathi izalwa nje, kwacaca mhlophe ukuba ingumntwana okhethekileyo.





Loo machibi amanzi antsundu ayebalisa iintsomi namabali emilingo yabantu ababebuntu-buntlanzi nababekwazi ukuhamba ebusuku phakathi kwabantu.

Yayithanda ukubalisa amabali, nezandla zayo zikwazi ukuzoba imijanekiso ebonakalisa indlela umnyama owawudalwe ngayo ngamaqabaza emvula ayimibalabala angazange ajikelele emhlabeni.






Kodwa ke nangona yayinemilingo nemibono, le ntombazana yayingenalizwi livakalayo.
Kwakungekho nokhenkce-khenkce, nondum-ndum kwanokusebeza oku. Kwakungekho
lizwi nangonyana eyayinokuphuma ngenxa yemjhlelo eyajingaphakathi emqaleni
wayo neyajinqabonwa mntu, kodwa eyajivakala kuyo yodwa. Kwakukho igutyana
elibugolide elalithe nca apho. Kodwa ke lalingayikhathazi konke-konke. Eneneni, xa
yayonwabile, lalidumzela kamhandi entanyeni yayo.



Asikuko nokuba yayingeval! Yayijithanda intsholo yeentaka ezitsholoza ekuseni,
nokhenkce-khenkce weentsimbi ezenza isandi esimnandi ezazibekwe ngumama
wayo entla kwebhedi yayo.



Kodwa ngokuya kuhamba ixesha, babambalwa abantu ababeyijonga
emehlweni ukuze beve amabali ayo kwaye, ngaphandle kwelizwi
layo, yayingahouwanga nangubani na.

Ngenxa yoko amehlo ayo ayengasabalisi mabali kwaye nezandla
zayo zayeka ukuzoba imiljanekiso.

Ebusuku, yayilicenga eli gutyana elibugolide lisemqaleni wayo
ukuba lihambe lingaze liphinde libuye.





Ngobunye ubusuku, emazantsi ebhedi yayo kwavela umama onamaphiko
abomvu nemitha yelanga esikhumbeni sakhe. Umama lo wachaza ukuba
uthunyelwe yinyanga ukuza kunceda le ntombazana ukuba ijumane
amazwi angaphakathi kuyo.



Umama onamaphiko abomvu wavula incwadi waqalis ukujunda ngokuvakalayo. Wajunda amabali athetha ngeekumkanikazi neekumkani ezimnyama. Ngamakhosazana awayebulala amagongqongqo.

Ngamanina ajetshintsha amazwe ngamazwi awo nije kuphela. Kunye namabali angeentombi zaho ezazinqunyulwa amalwimi, kodwa zicula iingoma ezibonakalisa indelelo nangona zithule.

Isaphulaphule la mabali ngomdla, yathi ingakhange iqaphele le ntombazana, labe seligalisile ukuphuma ilanga. Njengoko lalisenza xa yonwabile, igutyanan elibugolide latytyimba kamnandi emqaleni wayo. Amantombazana awayekuloo mabali ayejana nqwa nayo. Yatsho yazi ukuba mhlawumbi yayinge yodwa njengoko yayicinga.

Eghusheka imibongo yakhe phantsi kwengalo yakhe, umama onamaphiko abomvu wathembisa ukuba uza kubuya ngobusuku obulandelayo.





Ngokuhlwa kwaloo mini, xa iinkwenkwezi ziqala ukuzalisa isibhakabhaka, intombi yahlala
phezu kwebhedi yayo ixhalabile ilindele ukuvela kukamama onamaphiko abomvu.

Yayingazi nokuba konke oku kwakusezingcingeni zayo na. Eli bali lalo mama namabali akhe.

Kodwa yayingakwazi ukuyichaza imimangaliso yamabali eyayiwavile.



Kwathi xa kanye iza kulala, kwalanyaza ukukhanya okubomvu waza umama onamaphiko abomvu wavela kwakhona. Ngeli xesha, wayekhomba ejestileni. Intombazana yayonwabe kakhulu kukujika kukamama onamaphiko abomvu, ayizange icinge kabini ngokutsiba iphume MPRRIII ngejestile. Ibambelele nkqi kuye, yazisumana ibhabha emoyeni ngobusuku.



Ngesiquphe lo mama wayitsalela ezantsi ngaselwandle intombazana, baza bawela
DAVU esantini ethambileyo. Waququkela entombazaneni,
wayixeleta ukuba ikhangele izinto eziyonwabisayo
apho elunxwemeni.

Kwabakho into ekhazimlayo mgama neyatsala amehlo entombazana.
Yahamba, yahamba, yahamba, isiya ngakuyo kodwa zadlula iiyure ingade
isondele kuyo. Yathi xa kanye iza kuzilahla phantsi, yanyathela
iqokobhe elincinci likanokrwece.






25

Yajingazange yayibona into engaqhelekanga ngolo hlobo ngaphambili, ngoko ke yayibhekela phaya ebusweni bayo lo qama iyibambleyo. Emva koko, yeva iintlokoma zoncuthu lwengoma luvela kwintliziyo yalo nokrwece. Yalisondeza endlebeni yayo iqokobhe elo ukuze ive umculo walo ngokucacileyo.

26



Iqokobhe likanokrwece layixeleta ngothando olubanzi njengolwandle, namazwe adityaniswe ngamaza. Lo mculo wayithembisa ngokuqabelia iminenja emaphupheni ayo, nokuqabelia kumaza xa inyanga iphelele.

Yancuma yaza yaliphosa iqokobe ilibuyisela elwandle. Yathi xa kanye isenjenjalo igutyanana elibugolide lashukushukuma ngovuyo, yatsho yazi ukuba konke kulungile. Ngoko ke intombazana yakhawuleza ukuya kulaa nto yayikhazimla mgama.






29

Ngokuya ihamba isihla elunxwemeni, umbala wesanti watshintsha awabi sabamhloph; waba bupinki. Yayeka ukuqwalasela kude, yaxwilwa umdla yimibala eyayisezinyaweni zayo. Imibala emjakamjaka, emsobo, emnyama, nemthubi idityanisiwe.

Ngokuya iyiqualasela, yaya iqiniseka ukuba yayikho into eyajinokufumaneka kwisanti epinkirha. Ngoku yaqaphela ukukhanya okwakuphuma esantini kwaye izibuza ukuba yayikhe yakubona phi na ukumenyezela okunjalo ngaphambili.

30



Yaphakamisa isilevu sayo yabuza esibhakabhakeni ngoko yayikubona, yathi isenjenjalo
yabona laa nto ikhazimlayo yayiyisukela, kwaye yayilapho kanye ke impendulo!

Isanti engaphantsi kwayo nale nto iphambi kwayo zazikhazimla ngokujanan cam ngoko
ke zazimelwe kukuba zazenziwe ngento ejana nqwal!

Kungoko yathi yaqonda ukuba nantoni na leyo eyayiyisukela yayingeckho ngaphambili
kwayo, ingekho nangasemva kwayo, koko yayinqaphakathi kuyo. Yayinako ukuyitshintsha
nayiphi na imeko ebomini bayol





Yayisumana into yayo yexabiso yokuggibela kumanyathelo nje ambalwa. Intlanzi encinane emile okwenkwenkwezi. Yayiqwalasela kakuhle isesandleni sayo ngethuba ihamba; isondela ngaselwandle. Yajinombala obomvu njengekorale, inamachaphaza amthubi kwincam yayo nganye. Igutyanan elibugolide elisemqaleni wentombazana lashukuma kancinane njengoko yayibukele intlanzi iphejumla.



"Nezona zinto zincinane ziyaphesumla kwaye ziyaphila zize ziququle imo yelizwe
endaweni ethile," yacinga.




37

38

Emva koko yajiphosa intlanzi emile okwenkwenkwezi, ijibuyisela elwandle yaze yathi xa isiwa, intombazana yazibona ibambene ngezandla nalaa mama unamaphiko abomvu kwakhona. Bajongana isithuba eside, baza bengakhange baphinde bathethhe, bantingela phezulu esibhakabhakeni kwakhona, bagoduka.




Ngentsasa elandelayo, intombi yayingasakhumbuli kakuhle ukuba umama onamaphiko abomvu
uyishiye nini na, kodwa yayikhumbula ukuba wayekwenze oko ngokukhanya okukhazimlayo
nokujudumeleyo, wayeyiphuzile kwaye wayithembisa ukuba uyakuba nayo.




Ngokuhlu kwaloo mini, intombazana yayisazi ukuba umama onamaphiko abomvu wayengazi kubuya. Yathi yakuvula ifestile yayo, amabhabhatane alishumi elinesibini abhabha angena endlwini yayo, ahlala eyijikelezile macala onke.

Atwezeka amehlo ayo yakuva igutyanan elisemqaleni wayo ljjikajika ngendlela eyodwa. Yoluleka intamo yayo yakuva amaphiko ephephbezela kamnandi emqaleni wayo.



Amabhabhatane ngokulandelelano, aqala ukubhabhazelaphuma ngefestile. Kwathi xa kuphuma elokuggibela, intombi yayivula imilebe yayo, yaphakamisa isilevu sayo, yeva isingqala esitsholo phantsi esiphantse safana nokundandazela okuthe cwaka kwamaphiko amabhabhatane, siphuma kwigutyanayayo elibugolide.



Ilizwi layo, eli yayisoloko ilisukela, lalisokolo lingaphakathi kwayo lonke eli xesha. Yathi xa isiva okokugala isandi selizwi layo ezindlebeni zayo, yaqonda ukuba iuvuvulele ummangaliso eyayiza kuguqula ngawo ilizwe.





The Girl Without A Sound is produced by Maru Factory (Pty) Ltd. The company is focused on creating and publishing new forms of art in Africa and the world at large.

KaMatla Productions is an NPO created to aid the development of the arts in underprivileged communities and to develop the legacy of storytelling amongst the youth. Buhle Ngaba is the co-founder and director of KaMatla. Each book donated to a girl in need is processed and distributed through this NPO.



